# Imvo Zabantsundu

(NATIVE OPINION.)

*Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.*

IXABISO 3d.] KING WILLIAMS TOWN, NGOLWESI-NE, SEPTEMBER 18, 1890. [No 30


KING WILLIAMSTOWN ADVERTISEMENTS.

## IXESHA LO MCHEBO!

## Beauchamp, Booth Co.

(EBIYEKA J. J. IRVINE & CO.)

Eyona venkile yengubo ezilungileyo, nezitshipu edolopini apa.

Ihempe zamadoda ezinamaqosha e perile 1/6 inye.
Ibhulukwe ze stofu 3/, 5/ inye.
Ibhatyi zamadoda 5/, 6/9 inye.
Ibhatyi ze twidi emnyama 15/, 18/6 inye.
Ibhulukwe ze kodi egwangqa ezilungileyo 7/6 inye.
Iminqwazi yamadoda eyi Soft felt 1/9, 2,' umnye.
Ityali zoboya 5/, 6/, 7/, 8/ inye.
„ „ ezilunge kwayekwa 10/, 12/6,15', 18/, 20/ inye.
Iprinti (ezimabala), i pattern 6d., 7|d., 9d. iyadi.
I Winzi zohlobo 6d. ngeyadi.
Ikeleko 2|d., 3d., 4d, 5d., 6d. ngeyadi

Ilokwe Zokutshata, Iminqwazi Yokutshata, YONKE Impahla Yokutshata.

## BEAUCHAMP BOOTH & CO.

E-QONCE, KING WILLIAMS TOWN.

Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekileZzitengeni ko

KING WILLIAMSTOWN ADVERTISEMENTS.

## DYER-DYER

EQONCE, KING WILLIAMS TOWN.

Bafikelwa yinto eninzi yempahla ukongezelela kwebihleli iko.

## INGUBO EZINTSHA,

ZABANTSUNDU KANYE,

(Ngo Stemele bonke).

*QONDANI:—Zitshipu Ngakumbi*

Ihempe zamadoda zokusebenza ziqalela kwi 1s.
Ihempe zamadoda zangapantsi ziqalela kwi 1s. 3d. Isuti zezitofu ezinzinzwa ziqalela kwi 17s. 6d.
Ibhatyi zezitofu ezinzinzwa ziq alela kwi 9s. Ibhulukwe zezitofu ezinzinzwa ziqalela kwi 1s. londulubhatyi zekodi ZITSHIPU 2s. 9d.
Ezamadoda Ibhatyi Zokwaleka Ezinzinzwa 8/-.
„ I-Ondulubhatyi ze-Lakani, 1/6.
„ I-Bhulukwe „ 2/-.
„ I-Bhatyi „ 2/- and 3/6.

Isuti, Ibhatyi, ne Bhulukwe ze Diagonal Emnyama.
Isuti Zokutshata zipelele 38/6.
Iminqwazi emitsha, Izihlangu, Ibhatyi Ezinkulu, Amaqhina, Izikafu, Ikalala, Iblaukete Nezibhalala, njalo-njalo.
londulubhatyi zezitofu 1/6.
Idyasi zemvula 8/6.-
Ibhulukwe Eziluhlaza 2/.

## DYER NO DYER,

EKA GRAY

Incindi Epitikeziweyo

—YE—

## LINSEED NE HOREHOUND

Lelona Yeza le NKOHLOKO . INGQELE, nazo zonke Izikuhran. zo MQALA ne MIPUNGA.

1/6 NGEBHOTILE.

2/- LITUNYELWE NGE POSI.

Ngamanani Nanganye kwa

P. GRAY, Chemist and Druggist,

CAMBRIDGE ROAD,
KING WILLIAMS TOWN|.

### ABAZELWEYO.

MACEMBE. — Inkosikazi ka ROBERT MACEMBE e Port Elizabeth ibaleke Unyana ngo 20 August, 1890. 3il89

### IMIBIKO.

HLATI.—Ngomhla wesi 2 ku September, 1890, ngolwesi-Bini, ukutshona kwe langa, kubhubbe u Louis MONAKALI umntwana ka Charles no Georgina Hlati base Komani. Ubudala, unyaka 1, onenyanga

Umbulelo kwiziblobo etisiveleleyo elusizini lwetu. 2tl89

KHOTE.—Kubhubhe e Rini ngomhla we 4 September. 1890, u WILLIAM TURPIN KHOTE obeyitoliki kwi office ye Mantyi. Izihlobo mazatnkele lombiko. 3t259

### ISAZISO.

NDIYA wazisa umzi wakowetu ose Maxhoseni, Embo, e Natala nase Dayimani, ukuba mna, ngama lingezantsi, ndivule Ikaya Labahambi apa. Yeyona ndlu ikufupi ne Railway Station, e Kowie Street, kufupi ne bhuloro ekutiwa yi Dundas Bridge, apo nofumanisa kona impato efanelekileyo, izixhaso nokulala okufanelekileyo, ngamanani apantsi kakulu. Kuko nesituli samahashe esine groom epapame kunene,

ROBERT XHOLLA,
Kowie Street.

Graham's Town,
28th June, 1889.

### Ikaya Labantsundu.

*UK UTYA ! UK UTYA ! !*

Ndinawo Umbona na Mazimba, Imbewu Yengqolowa ne Tapile, ngamanani ALULA konke-na.

PAUL XINIWE, General Agent.

King Williamstown, 13th August, 1890.st2111

### INKONZO ZE LIZWI.

UBEKO LWEZ1MDW E MKAMGISOT

UBEKO LWE ZANDLA Ink. Rev. Samuel Nohe, Umfundisi wase Wesile e Tamara luya kuqutywa (D.V.) e Mount Coke ngolwesi Bini emini, 23 September, ngexesha 11. Umongameli we Konferene, encediswa ngu Rev. R. Lamplough nabanye baya kuwnhambisa lomsebenzi. Iil89

### EZINGE MFUNDO

St *Matthew's — Keiskama Hoek,*

UTITSHALA ONE SATIFIKITI ufunwa kwangoku ukuwuqala umsebenti ngo 1 October, ukutabata INDAWO YESIBINI kwi Sikolo Sododana. Makabe lilungu le Church of England.

Ababhalayo ngalendawo mababalule nobudala nengxelo ngesimilo babhekiseku CHARLES TABERER, Principal.

September 13, 1890.

### AB ALAHLEKELWE Y O.

INKABI EBOMVU.

ILAHLEKE e Xilinxa kwa Piet Qongo ekaya, kuse ingeko ivela e Lovedale ibise amakwenkwe ngomhla vve 1 Sept., 1890. Inkabi ebomvu ; ebumpemvu bunci. nane buyi kolo pezulo. baza begcwi baba bukulwana empumlweni ; upawana angeluqondi umntu kwindlebe yekohlo—sisikeyana sincinane ; sisilondana emqolo kwicala lekohlo ; umsila wawutiwe shunqu kancinane, ukangewuqondi kanjalo omnye ; mpi yecala lakwa Blayi neyakwa Dalindyebo zindlela zalo ezo elingabamba zona, ke kuni Batembu nxa nga lidungudelela ekaya. Olibonileyo ndombhatala kanobomi. Tumela ku Rev. William Goodwin or Rev. .J. Jas. Xabu, St. John's College, Umtata.

JOSEPH NDUNGANE, 2i259
St. Andrews, Nqadu.

### Ikaya Lendwendwe.

SIYAZISA ukuba "Ikaya" sisaligcinile apa e-Komani, Amagumbi, nezitale, nentlalo yonke

## BOURKE no MARSH,

E Nyutawini nakwisitalato esipambi kwe ofisi ngase mcantcatweni.

GRAHAM'S TOWN ADVERTISEMENTS.

## BON MARCHE

[Apo Kutengiswa impahla entle ngamanani angemakulu],

GRAHAM'S TOWN.

*Saneke Ityali ezitshipu kanye, ifishini ezona zintsha, ziqala kwi 31- inye Ikaliko Emhlope ne Brown, iqala 2/d. yd.*
*Amicako etungelwa kwi Blanket, iqala 4/d. yd, Ezona Ntlobo zintsha ze Print, 3d., 4/d., ne 6d. yd. Iqiya ze Keshemiya. Ezimnyama nezamanye amabala 11- inye, Iblanket zoboya ziqala 51- inye.*
*Amabhayi 21- lilinye; i Cotton Sheets 1/6 inye.*

## YONKE IMPAHLA YABATSHAKAZI!!

I Dress zenziwa apa, ngezona ndlela zigqitiseleyo, ye Ledi esand' ukuvela e-England.

### INGUBO ZAMADODA.

IBHULUKWE ZE KODI, ziqala 5s. inye.
IBHATYI ZE KODI, ziqala 10s. inye.
IBHULUKWE ZE STOFU (Tweed), ziqala 2s. lid. inye.
IBHATYI ZE STOFU, ziqala 6s. inye.
ISUTI Emhlalayo umfana ifishini entsha, 21s.
IHEMPE, Is. inye.

*Oze kutenga apa ngokiualatiswa yi "Imvo" maze akuxele oko. Ukuba utenge ngexabiso eligqite kwi ponti enye (1) uyakubuye ayinikwe ishelen ngeponti nganye.*

## JOHN. W. BAYES & CO.

Kwi Kona ye Bathurst Street ne Church Square, -

## GRAHAMS' TOWN.

KING WILLIAMS TOWN.

UFUNA elona xabiso lilungileyo nge NQHOLOWA, UMBONA, AMAZIMBA, nokuba ZITAPILE,
Ufuna IMBEWU ELUNGILEYO yokuhlwayela.

Ufuna owona MGUBO, nokuba zinkozo ezilungileyo zokutya.

Ufuna IMPAHLA yako ngentengiso nokutenga e Marikeni
TUMELA okanye UYE

## GILBERT BOX AND SON,

MARKET SQUARE,

## KING WILLIAMS TOWN,

TRANSKEI ADVERTISEMENTS.

## Kutengiswa Ngemvumelano.

I FAM engu No. 1, e Kei Mouth, 2,000 Acres. Kanjalo i Fam engu No. 2, e Kei Mouth, 1,500 Acres, imelene nengu No. 1. Ezi Fam kutiwa zezona zizilungeleyo inkomo kulo lonke i Pesheya kwe Nciba. Zinamahlati namanzi ngokwaneleyo. Kananjalo kuya kutengiswa Ibhokuva ezimbini ezintsha ezenziwe ngemiti eyomileyo yodwa.

Bhalela ku GEO. TROW, Teko Springs, kumandla wakwa Centane, Transkei. ' 311 8

# GIBBERD & BRYANT.

BADWELISE

IMPAHLA ENTSHA!

IPRINTI EZINTSHA

IZITOFU ZELOKWE EZITSHA.

ITYALI! ITYALI! !

EZE 4/- ITYALI EZE 4/-

EZONA ZILUNQILEYO E QONCE.

ETYALI ZE KESHEMIYA, Amabalana onke.
IZIHLANGU NE SHUZI EZINTSHA.
INGUBO EZINTSHA.

# GIBBERD & BRYANT,



ALICE ADVERTISEMENTS.

# W. McGLASHAN & CO
(MAGALA),
# E-DIKENI.

BAHLALA benezona mpahla zokunxiba zintsha ezona ntlobo zipilileyo ze Print!, i Satin, kwane Drillettes,

ITYALI, IZIHLANGU, NE NGUBO?

**Zonke Intlobo Zabatehatayo Kwesi Siqingata,** Ngamanani alungele bonke abatengi. Impahla yabo ifika ngazo zonke iveki ezimbini; kengoko impahla yabo ihleli intsha ifiKa.

Ufuna into ezipilileyo, ngawona manani alula yiya kwa W. McGLASHAN & CO.,

E-Dikeni.

Banika awona manani apakamileyo ngo BOYA, IZIKUMBA, IMFELE, UBOYA BESEYIBOKWE njalo, njalo IZILIMO zitengwa ngamani ase Markeni.



Ololiwe ba-Komkulu-4-base Mpumalanga.

## EMONTI.

Umboniso Woboya ne Mveliso, November 20 ne 21. Imidlalo, November 21 Imidlalo kwakona, November, 22.

ITIKITI ze First, Second, ne Third Classes, zokuya nokubuva ngamaxabiso atotyiweyo ziya kunikwa ukuya e Monti, ukusuka e Aliwal North nezinye izitishi uknza e Peelton ngo November 17, 18, 19, 20, ne 21; nokusuka e Qonce nezinye izitishi ngo November 19, 20. 21, 22 ukuya e Monti, ekunokugodukwa ngazo de kube ngo 30 November.

Ingxelo ezeleyo ngamaxabiso okuhamba inokufunyanwa kwizalatiso ezincanyatiselwe ezitishini.

: T. R. PRICE, Umpatiswa.
London September, J8&0. t2Qll


# Kubo Bonke Abalesa 'Imvo.'

BANGABA banceda kwa Ipepa lendaba labo abantu bakowetu ukuti, xa basukuba benento abatuna ukuzitenga, bavelele, ngangoko banako, kuzo zonke indawo, Ivenklle ezimpahla ihlokonyiswe ngezaziso kwi " Mvo." Kungalilungelo nakubo bengayifihlanga lonto kubaninivenkile.


## IWU!! ZIMKILE !

NGOWAMA 29th August, 1890, kubiwe e Mkonkoto, kufupi ne Qora kwa Gcaleka AMAHASHE AMANE,—amahashe oluhlobo :—

1. Yinkunzi efosi, ene Kolo enkulu, enomcwe omhlope ozekuma ngempumlo, inqina langemva lasekunene limblope, itshoba Mnqunyulwe—ubudala yiminyaka emitata.
2. Imati egwangqakazi enomtshiso kwi nyonga yo kunene ongu C.L.
3. Imati egwangqakazi, enomtshiso kwi nyonga yokunene. Inekolwana ebunzi.
4. Inenkonyana engweun buvivane.

Ongalandisayo wovuzwa, angatumela kwi Ofisi yelipepa.

3it259 HERMANUS NTLABATI.


## Transkeian Teachers' Association.

OLUMANYANO luya kuhlangana nge 29TH nange 30TH of SEPTEMBER e Taorno Post, ernzini ka Mr. J. Ntozini; luya kungena ngo 4 p m. Zonke i teachers ze Fingoland, Gcalekaland and Tembuland ziyafuneka siko lomini ngenxa yomcimbi omkulu ozanywayo lolu Manyano—i Com. pulsory Education. I Committee yalomcmbi ngati seyi qube kamnandi, kuko itemba.

r. 8. LU8ASENI, Secretary.
Ndakana, Toleni,
8th September, 1890. 2t l89


KANIVELELE

## IZISULU, IZISULU,

## BEET BROTHERS,

Abamise ivenkile kwelo bala lino " KATA " esazulwini se Qonce.

IMPAHLA yabo INTLE INTSHA. lsali, Ilokwe, Ikeleko, Impahla yonke yase zinqweleni.

Amakuba eponti eneshumi linesibhozo ; Impahla engonoxesha iko nayo.

*IZISULU, IZISULU, IZISULU.*

st 1112



IVENKILE YASE BANKIES, e Glen Grey, inayo ngoku yonke into eti ifunwe ngabatenga kuyo abantsundu. Irola awona maxabiso apakamileyo ngento eziveliswa lilizwe—UKUTYA, UBOYA, IZIKUMBA.

B. HARTLEY. 4t210



## *Amayeza ka Cook Abantsundu.*

UMZI ontsundu ucelelwa nkuba ukangelise lamayeza abalulekileyo.

Elika
COOK lyeza Lesisu Nokuxaxazo.
1/6 ibotile.

Elika
COOK lyeza Lokukohlela (Lingamafuta).
1/6 ibotile.

Aka
COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwe. 9d. ibotile.

Elika
COOK lyeza Lepalo.
1/6 ibotile.

Ezika
COOK Ipils.
1/ ngebokisana.

Eka
COOK Incindi Yezinyo. 6d. ngebotile.

Oka
COOK Umciza Westepu Sabantwana.
6d ngebotile.

Oka
COOK Umgutyana Wamehlo. 6d ngesiqunyana.

Oka
COOK Umciza we Cesine. *1J6.*

Niqondise nkuba igama ngu

## G. E. COOK, Chemist,
E QONCE.

uba ngawenkohliso angenalo igama lake


INKONZO EZIBALULEKILEYO

## ZASE SEPLAN.

NGOLWESI.HLANU, September 26, *Yirona Enkulu.*

Ngo Mgqibelo, September 27, *Ngumlulelo rve Sivuno sika* 1890. Kunyakubako Izityo eziyako ngenwa ngemali.

Nge Cawa, September 28, *Ngumvulo uendlu ye Mvuselelo.*

Ukusuka kolo Mvule, September 29, kuye kolwe Cawa, October, *Yimvuselelo Enkulu.*

Imantyi ne Nkosi u Dalindyebo baya kubako kwezi Nkonzo. Kuya kubako Indlu Yezityo kono kozo.

J. M. DWANE.

# Iveki.

U RULUMENI uzakwaka e Cumakala i ofisi ezintsha zexabiso le £1,000. Kungo. kubonisa kuka Mr. Warren, M.L.A., ate wakwenza ku Rulumeni omtsha ukutatya. twa kwelibakala.

UCINGO oluvela pesheya luxela ezoku. mangalwa komsebenzi ngamadoda asebensa ezibukweni lase SentNwnpton, esiti maku. nyuswe umvuso. Ikolisile ngezinyanga ukumana isihla lento yokumangalwa kom. sebenzi.

KUVAKACA nkuba kuyakiwa kakulu kumatafa ase Lundini kwa Zulu — kuma imizi emitsha. Into eniuzi yabantu ivela kumhlaba owaw ungowakwa Zulu ongowama Bhulu ngoku.

E MNAMBITI (Ladysmith) kumiwe umlungu esitya wafa. Ushiya umfazi nosapo.

UZIQALK nge-Cawa egqitileyo e Rini n Rev. Alex. McAulay inkonzo zake zemvu. aelelo, waye eyakuyigqiba kona yonke leveki.

INDUNA edumileyo yakwa Zulu Umnya. mana usagula.

UMHLOLI-ZIKOLO wemimandla yase Mpumalanga, u Mr. Howe Ely, umana ekulo mahlulo we Qonce.

AMADODANA awayefunda e Lovedale malungana no 1880 1, angaba asalikumbula igama lendodana emhlope u Mr. Robert U. Moffat; kuyakaba mnandi kuwo ukuva ukuba upemelele uviwo lobugqira, Iwe M.B , M.C., Edinburgh. Simnqwenelela impilonde-ntle emsebenzini.

INDAWO ezike zanetamsanqa lokufumana imvula kutsha nje yi Cookhouse ne Tarkastad, amazantsi e Rini nawe Ngqushwa. Zisalila esimantshiyane ezinye indawo.

SINOSIZI ukuva nkuba kuko nmfo omilenze yomibini iehunqulwe yi treni ngolwesi-Ne, kumcancato we Stormberg.

UM'BHALELI oku Mgqwakwebe ka Dikweni uncoma uti, " kuyafiwa kakulu. Nge-Cawa singcwabe babini ngamini 'nye. Kunjalo nje ikwafa ngokunjalo impahla, kuhlinzwa ngantatu ngemini siaidiya. Ikwankulu nemvuselelo. Umsebenzi uqutywa yinto ka Madikazi."

INDODANA emhlope engu A. Reis e Monti, ayapnle umhlati bekudlalwa elikapoyi likatywayo ngo-Mgqibelo ogqitileyo.

JUNE imvula ezimnandi kulo lonke eli. lunge e Rini. Abasalili ngokubalela kona.

UMLUNGU uzidubule eaiswini e Bloemfontein ngenye imini. Sigqibele esagula kutandabuzeka ukuba angapakama.

U SEPTEMBER yinyanga yokupela ye Kota amabaqoshelise abatabati be Mvo.

IBANDLA lase Dipente litumele pesheya ukufunela i Hankey umfundiai omhlope.

IBE nentsuku ezidbhoso i Jaji e Bhai.

ABASEBENZI abebapongomile e Southampton, babuye balitoba igazi, babuyela em. ebenzini.

KUKO inetevu erodonyishiweyo kufupi ne Pretoria.

KWIPANDLE lomzana oyi Walmer ngase Bhai, kucolwe ngenye imini ubugoxo bamatambo omlungu ongabanga nakuqondwa nokuba ingaba wayengubanina. Igqira libe nento eliyixhokoshayo nakobo bunjalo.

IZIKOLO zamapandle zipumla ngolwesi Hlanu lweveki ezayo 26 September.

KUHAMBELO Iwayo i Ruluneli kwelama Betshwana oluyakupatelela nakwimimandla yela Matebele, iyakupelekwa ngo Lord Elphinstone, Hon. Cecil Rhodes. Captain Graham Bower, Mr. Loch, no Major Sapte. Banduluka ngo-Mvulo ngengapaya iveki (29 September).

NGETUBA lokuba eseloko engapilile kubonakele uknba u Rev. R. W. Lewis wase Kamastone ake asinge e England. Ukwele e Monti ngolwesi-Bini olu. Simnqwenelela ihambo entle, nokubuya enempilo.

UM'BHALELI ose Bloemfontein uxela ezomntn obulele omnye kona osentolo. ngweni; kwakulontolongo kungene utitshala wakona ngokunxila butywala bomlungu. Lento yokuzidla ngoty wala bomlungu yanele kulutsha lwezimini, yaye seyinomdintsi.

IMISELWE ukuhlala e Monti ngolwesi Hlanu, (19) Ijaji, e Komani ngo-Mvulo (22).

U REV. R. LAMPLOUGH wase Komani uyakushutnayela e Qonce kwityalike yabo mnyama base Wesile emini nge Sabata ezayo.

KUKO uvuyo kwabamhlope base Qonce kuba i "Jubilee Singers" abavumi abangama Afrika use Amerika, kuvakala ukuba bayakulindwendwela i Qonce ekuqaleni kuka October. Okwangoku base Rafu; E Rini bayalungiselelwa. I Council yakona ibaqeshisele i Town Hall nge £22 10s. ngeveki.

E JOHANNESBURG i Bhulu elingu Du Plessis linikwe iminyaka 24 ngokupanga inetevu ebigoduka £5.

# Imvo Zabantsundu

NGOLWESI-NE, SEPT. 18. 1890.

## *Ama Afrika ase Amerika.*

UMHLOBO wetu obhala komnye umhlati kwakwi Mvo yanamhla, ngezifundo ezinokufunyanwa kuma Afrika avela e Amerika, utsho ngenteto abaya kuyivuma bonke abalesi ukuba yeyendoda, yengqondo. Izifundo aza nazo zizezikulu, ekuya ukuba luncedo ukuba ate amawetu azikangela ngengqondo ezendeleyo. Nyani-nyani sishiyiwe elugqatsweni lwemfundo nokuhlambuluka ngamawetu ase Amerika, po ebengamakoboka, tina sikululekile kakade. Yaye nentwana encinane engeba iyazanywa sisuka sinyhilane kuyo singayipumelelisi kwangobubudenge busambeteyo. Sivuyile ukuba umcimbi onjengalo ute wasondezwa liciko lomfo elingu m'bhali ozigqubutela ngegama lokuba ngu " DOROTIL' ONGWEVU-NGEZIHLATI." Sinosizi ngendawo yokuba ingqondo yamadoda odidi lwalom'bhali, esimbeka kwisiqibi sababhali abango " HADI WASELUHLANGENI," " USINQE SENQULO " okwangu " NTABA-KA-NDODA " obesakuti ubhala eku Zanyokwe—siti sibuhlungu ngendawo yokuba oludidi lwababhali lukunqabisile ukukanya kwalo kumzi wakowalo, sekumana kugcadiya inkunzana ezisasuselayo zisebenza amasheyi namayelenqe ngomzi. Sisacela amehlo nengqondo zabalesi namhla sizicelela izifundo zengqondo ezixhokoshwe yingqondi u " DOROTILE." Ndawana sifike singagqibi ukuyiqonda tina kumacebo omhlobo wetu singa singayipaula kwangoku. Singabe siyaposisa mhlaimbi, kodwa ngati kuti ama Afrika eli akasakuncedwa luto kukupa imindwakela engaminye ukuya e Amerika, ize ibuye izinjojeli eziyakuti ngemfundo yazo kubonakale zirwaqele kumbindi womzi wakowazo zikohlwe ke kuwuzamela ngoncedo kuba zingeko nase mphungeni wawo. Enye into ngati selalile Umlauli-zinto-zonke ukuba ama Afrika esi siqingata sise zantsi se Afrika aye kutabata imfundo mgama aze abuye azokuba noncedo kuti, kuba sekufuti sibona abate benjenjalo bangahlali maxesha ukuba babe luncedo. Konakala impilo kulomazwe amgama bebesinge kuwo, bebuya, sanele ukuba buka nokubancoma, bagqite; abangagqitileyo bafika babuye bengamakatshakowe, amakapela, azimilo zibete kwanqaba nokuba abenomsebenzi onganikelwa ingqondo ngumzi. Kwala um Afrika etunyelwe e Kapa, asuke abuye engati washwatyulelwa watshazwa, inqubo yake ingenaluncedo kubanzi. Ingqandedana ofun' ukuti uginye amate ngazo umzi ngezizifundise kwakweli zazama ngamatutyana ezite zanawo ukupumela kumgxobhozo ka TISAYO wemfundo le acanileyo umzalwana ukuti ye yengozi." Kwakona ubengefumane asibeke kweli UNKULUNKULU kanti amalungelo etu uwabhebhetele e Amerika. Udla ngokuti embeka apa nje ubani namalungelo ake akwalapa. Ukuya e Merika kukuya kudla ukubila kwamanye amadoda, ekubeni sibe sinqena tina ukuzenzela isonka—into leyo achaseneyo nokutyila kuka NKULUNKULU, ukuba elowo makazibilele ukuze atye isonka. Kulungile ukutabata amava namavo kumawetu awaya engazinyulele e Merika, kodwa masiwasebenzise paka tikwetu ukuze asincede. U BACON ingqondi yamanyange yasema Ngesini yaka yati, " Whatever man has done, man may do." Okwenziwa ngama Afrika ase Amerika, nati singakwenza kweli. Sosuke sibe yiminxeba engenamandla sakutembela ekwayameni nasekukuleni ngemikoba yase Amerika. Sasisakolwa tina yilantshukumo eyaka yabonakala e Batenjini ngako Rev. J. M. DWANE. Kwada kwaba yintonina ngayo ? Izwi elingumtyangampo liti, Sebenzani olwenu usindiso. Ama Afrika ase Amerika ami ngenyawo esabela olomemezo. Siyalumangalana tina ma Afrika ase Afrika ? Makuyekwe imbudede yokucukelana ngezitete nezilili abe lowo asebenzise eyake italente kwisituba abekwe kuso ngo M'bekileyo.

# Impawana.

ISIPOMPOTELA esimhlope esingu Charles Loring sikwintolongo yase Chicago siteta nje ngetyala sokusuka sitshate isiswenye seshumi linambini sabafazi. Ufike kumzana oyi Brighton kwelama Ngesi wati, kuba eyinzwana wavelela pakati komtinjana, wabamba isikukukazi esingu Esther watshata naso kuba sisiba usihandiba sase Amerika. Uwele naso waya kwelo apo alike wasipepa watshata nezinye intokazi. Uyiqube lento wada walifeza isbumi elinambini ukuze andu-1' ukubanjwa.

IMINI yolwesi Bini Iweveki ezayo iyakuba yebalulekileyo kwi Bandla lika Krista elise Mkangiso. Kuya kwahlulelwa ku Bufundisi obuzeleyo base Wesiie, ngobeko Iwezandla nga Bafundi- ==si, u Rev. Samuel Nohe wase Tamara. U Mr. Nohe wayamkelelwe ebufundisini obuzeleyo yi Konferens le ibise Kapa, kokona kufumaniseke ituba emvakwayo ukuba amkelwe ngokubalulekileyo pambi kwe Bandla. Sivuya naye ukuba kude kwalapa Inkosi imnceda. Umsebenzi wolwesi Bini uya konganyelwa yinkulu ya Bafundisi be Wesiie ngalo nyaka u Rev. S. Evans Rowe wase Mgugundlovu encediswa ngowongamele isiqingata esihlangana e Komani, u Rev. R. Lamplough. Ukuba asiposisi iyakuba yintlanganiso yokuqala yoluhlobo kwi Bandla lase Mkangiso, saye sikolwa ukuba ziya kuseselelela ngakona izizwe ngalomini.

AMAWETU ase Hankey apete ngqongqo umsebenzi oncomekayo, esiwalangazelela impumelelo. Igcudwana labantsundu lizakela ityalike yalo eyakuhlala abantu aba 350 ne 400. Ilitye libekwe ngo September 4. Intloko yomsebenzi lowo ngu Mr. Nat. B. Matodlana owabefundela ubufundisi c Lovedale; yaye imi ngokomelela impi yakowabo ukumxhasa. Um'bhali omhlope kwipepa lase Bhai ubalula njengento engumangaliso ukuba kwabapete umsebenzi wokwaka kungeko mlungu. Ikomiti yokwaka ngama Afrika odwa—o Messrs. Nathanael Matodlana, James Gwadzi, Jan. Dlamini, Jonas Kessa, Samuel Dlamini, Chas. Bell, Jan. Bell, Jan. Skosana, Solani Grootboom, Hans Matwa, no Piet Witbooy. Abaki ikwazi netevu o Stoffel, Botha A Sons. Ilapo indlela yokuzama ma Afrika. Pambili ke !

E-GCUWA.—Ngomhla wokuqala wale- nyanga u September, besipulapula uku- gwetyelwa kuka Mcetywa igqira ebelinike umntwana iyeza okuhlanzisa ote kwa oko wabhubha, ate u Mcetywa wabanjwa. Kutunyelwe igqira lase Gcuwa lomlungu ukuya kumtyanda, elifike imipunga izele kukufa obekuza kumbhubhisa kakade lomntwana, wasinda kweso situba ke umdaka wakuti. Sibukele into entle xa imantyi yetu elungileyo imqondisa into aze pzilunjkele lomfo kuzo, yanyameka betu imantyi ukumqondisa ukuba iyeza lingabogqitiswa emgceni walo, nokuti angaboza ashiye iyeza lake ukuze lisezwe ngabanye abantu, into ezininzi amyale kuzo wagqibela ngeliti goduka, wakhuza —Ungati ukangele nge-Cawa ubona into entle xa efalile amantombazana abafundayo apa e Gcuwa esiya ecaweni, ngoku inani lawo onke lingamashumi amane anesixenxe. Amanye avela kwesika Maranjana Bikitsha e Ntshatsho ngo, amanye avela e Tsomo, amanye avela kwesiya sikolo sinomfundisi wegazi lase Nxukwebe u Rev, James Mjila; zipetwe ngumzukulwana wake, ezinye zivela e Ncehana ku Mr. Simon Gasa, njalo-njalo ke. Iqina esijange kulo, kumhla kulika umkangeli wezikolo, sozixela apo nokuba siso nokuba asisiso.

